Isalathiso: 20210317-1697
Inombolo yefayili: 12/2/8/12
12/2/8/16
12/2/8/40
Imibuzo: LB Shasha
IM Swartz

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0002/2021

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela-Balawuli beeNkonzo zeZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu, kwiiNtsumpa zeeHostele, nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo neehostele (zingafakwanga iikholeji zezemfundo)

Isihloko: Ukungeniswa kweerejista zokubakho neefom zokwenza ibango lenkxaso-mali yokubhoda ehostele, ukubhoda kwindawo yabucala, nezothutho lwabucala ukulungiselela u-2021

1. Izicelo zeenkxaso-mali zokubhoda ehostele zabafundi, zokubhoda kwindawo yabucala okanye ezothutho lwabucala bezingangeniswa kwangethuba kwixesha elidlulileyo ngokwemithetho esebenzayo yaye oko kwaye kwakhokelela kulibaziseko lweentlawulo ezenziwa ngoomatshini endaweni yeenkxaso-mali.

2. Kwakucelwe iinqununu ziqinisekise ukuba bayaziswa bonke abafundi ngenkqubo yokwenziwa kwezicelo zenkxaso-mali, ukunceda abazali ngenkqubo yokufakwa kwezicelo kwanokuqinisekisa ukuzaliswa ngokufanelekileyo nangokuchanekileyo kweefom zokwenza izicelo zenkxaso-mali ngokungqinelana neSetyhula 0143/1998, yowe-06 Novemba 1998 (eqhotyoshelwe apha ukunenzela lula).

3. Zonke izicelo zango-2021(kunye namaxwebhu axhasayo), ezazingenisiwe ukwenzela ukuvunywa kwazo kwiCandelo loLawulo lwezeMali ukususela ngowe-30 Novemba 2020 sele zisingathiwe. Iyaqhubeka inkqubo yentlawulo elandelayo yeentlawulo zenkxaso-mali ezenziwa kwangaphambili (*advances*) zokubhoda ehostele.

4. Izicelo ezizaliswe ngokungaphelelanga kunye/okanye izicelo ezinamaxwebhu axhasayo angaphelelanga azikhange ziqwalaselwe. Igosa elivela kwiCandelo loLawulo lwezeMali, liya kuqhagamshelana nesikolo okanye nesithili esichaphazelekayo malunga nenkcazo ngeziphene.

5. Iifom zokwenza ibango kwikota yokuqala, kweyesibini nakweyesithathu zimiselwe ukungeniswa ngosuku lwe-17 lwekota yokuqala , eyesibini, eyesithathu neyesine, ngokulandelelanayo, umzekelo, ifom yebango leKota 1 ka-2021 mayingeniswe nge-25 Meyi 2021.

6. Kwimeko apho umfundi angekhoyo ehostele ithuba leentsuku ezingaphezu kweziyi-10 nangaliphi na ixesha, kuya kuhlawulwa intlawulo yenkxaso-mali yokubhoda ecuthiweyo.

7. Irejista yokubakho eyenzelwe bonke abafundi abahlala ehostele etshekishwe yaze yangqinisiswa yintsumpa yehostele ngokuyisayina, mayihambe neefom zokwenza ibango ukuqinisekisa ubukho babafundi nokubala inkxaso-mali yokubhoda ecuthiweyo, apho kusebenzayo oku.

8. Kucelwa iinqununu ukuba ziqinisekise ukuba zonke iifom zokwenza ibango qho ngekota, ezingeniswa kwiCandelo loLawulo lwezeMali zizalisiwe ngokuchanekileyo nokuba ukhona ngokwenene umfundi ngamnye ekwenziwe ngaye ibango.

9. Inkqubo yokwenza izicelo ayinaxesha limiselweyo lokuvala. Kucelwa iinqununu ukuba zibakhuthaze abafundi abangekazenzi izicelo zenkxaso-mali yokubhoda ehostele, yokubhoda kwiindawo zabucala, okanye yezothutho zabucala, bakwenze oko ngokukhawuleza.

10. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-04-09